

## Book talk

Reading stories to children is a wonderful way to relax and spend time with them, but reading aloud also gives us opportunities to talk to our children about books.

In fact, talking to children about books is just as important as reading the words to them! Through discussing the pictures, characters and what is happening in a story, children learn about how books work and how to explore them. Rather than trying to "teach" your children, just let the conversation flow naturally as you enjoy a book together. Here are a few ideas for helping that conversation along. Select ones that fit best with the book you are reading. And remember that the idea is always to explore books together rather than to "test" your children's understanding of what you have read.

- **Learning to predict.** Being able to guess what comes next as you read, is a skill that competent readers use all the time. As you read a story with your children, develop their prediction skills by asking, "What do you think will happen next?" at different points in the story.
- **Responding to questions.** Young children often ask, "Why?" You can either answer their questions by sharing your ideas ("I think it is because..."), or you can ask, "Why do you think...?"
- **Sharing opinions and ideas.** As you read together say what you think and ask your children what they think too. This helps them learn how to approach books.

- **Paying attention to detail.** Encourage children to look carefully and enjoy the illustrations in picture books. Draw their attention to different parts of the illustration on a page, comment on it yourself and ask them too. Ask younger children to find particular people or objects in the pictures. Draw their attention to the size of a large or small word on the page, or the interesting sound a word makes as you say it. With older children, talk about why the author might have chosen a particular word.
- **Connecting with stories.** Many stories focus on how characters deal with challenges that life sends their way. It is powerful for children to relate these things to their own lives. Encourage them to make strong connections by saying something like, "This story reminds me of how important it is to treat people well. What does it remind you of?"



Hope

For more ideas about how to talk to child about books, visit "Tips and Topics" on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

We will be taking a break until the week of **14 October**. Join us then for more Nalibali reading magic!

Sizakukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-14 kweyeDwarha. Zibandakanye nathi ngoko ukuze ufumane imilingo yokufunda yakwaNalibali.

## Ukuthetha ngeencwadi

Ukufundela abantwana amabali yindlela emangalisayo yokuziphumlela nokuchitha ixesha elimyoli kunye nabo, kodwa ukufunda ngokuvakalayo kukwasinika ithuba lokuncokola nabantwana ngeencwadi.

Enyanisweni, ukuncokola nabantwana ngeencwadi kubaluleke njengokubafundela amagama! Ngokuxoxa ngemifanekiso, ngabalinganiswa kunye nokwenzeka ebalini, abantwana bafunda ngendlela ezisebenza ngayo iincwadi kunye nendlela yokuziphicotha. Kunokuzama "ukubafundisa" abantwana bakho, yiyeke incoko izihambela njengokuba nonwabele incwadi kunye. Nazi iingcebiso ezimbalwa zokuqhubela loo ncoko phambili. Khetha ezona zihambelana kakhulu nencwadi leyo oyifundayo. Kwaye, khumbula ukuba injongo isoloko ikukuchubelana ngeencwadi nikunye "kunokuvavanya" abantwana bakho ukuba bayiqonda kangakanani na incwadi leyo ubafundela yona.

- **Ukufunda ukwazi ukuxela ngenx' engaphambili.** Ukwazi ukuqashela ukuba yintoni na eza kulandela lo gama ufundayo, sisakhono abalesi abanobuchule abasisebenzisa ngalo lonke ixesha. Njengokuba ufunda ibali nabantwana bakho, phuhlisa izakhono zabo zokwazi ukuxela ngenx' engaphambili ngokubabuza uthi, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?" kwiindawo ezohlukileyo ebalini.
- **Ukuphendula imibuzo.** Abantwana abancinane basoloko bebuza besithi, "Ngoba?" Ungayiphendula loo mibuzo yabo ngokwabelana nabo ngeengcinga zakho ("Ndicinga ukuba kungenxa yokuba ..."), okanye ungabuza uthi, "Kutheni ucinga ukuba ...?"

- **Ukwabelana ngezimvo neengcinga.** Njengokuba nifunda ninonke yitsho ukuba ucinga ntoni na uze ubuze abantwana bakho ukuba bona bacinga ntoni na. Oku kubanceda ukuba bafunde indlela yokujongana neencwadi.
- **Ukuqaphela zonke iinkcukacha.** Bakhuthaze abantwana ukuba bajonge ngononophelo kwaye bayonwabele imifanekiso ekwiincwadi zemifanekiso. Bakhombise iindawo ezohlukileyo zomfanekiso osephapheni, unike awakho amagqabantshintshi ngawo ze ubacele ukuba nabo benze kwanjalo. Cela abantwana abancinane ukuba bafumane abantu abathile okanye izinto ezithile emifanekisweni. Bakhombise ubungakanani bamagama amakhulu okanye amancinane asephapheni, okanye isandi esinomdla esenziwa ligama elithile xa ulibiza. Kubantwana abadlalana, thethani ngokuba inokuba kutheni umbhali ekhethe ukusebenzisa igama elithile nje.
- **Ukunxibelelana namabali.** Amabali amaninzi agxininisa kwindlela abalinganiswa abathi bajongane ngayo nemingeni ebomini babo. Kubalulekile ukuba abantwana bakwazi ukungqamanisa ezo meko nobabo ubomi. Bakhuthaze ukuba benze amakhonko aqinileyo ngokuthetha izinto ezifana nokuthi, "Eli bali lindikhumbuzisa indlela ekubaluleke ngayo ukuphatha abantu kakuhle. Ingaba nina linikhumbuzisa ntoni?"

Ukuze ufumane iingcebiso ezithe vetshe ngendlela nokuthetha ngayo nabantwana malunga neencwadi, ndwendwela icandelo elibizwa ngokuba yi-"Tips and Topics" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).



Neo

### Inside this edition:

- A cut-out-and-keep book to celebrate International Day of Peace on 21 September (pages 3 to 6).
- A card for a grandparent to celebrate Older Persons' Day on 1 October (page 7).


### Okuqulethwe lolu hlelo:

- Incwadi onokuyisika-ze-uyigcine yokubhiyozela uSuku loXolo lweHlabathi ngomhla wama-21 kweyeMsintsi (kwiphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6).
- Ikhadi eliya kumakhulu okanye utatomkhulu lokubhiyozela uSuku lwaBadala ngomhla woku-1 kweyeDwarha (iphepha lesi-7).



Drive your imagination

Read to me. Explore a story.  
Ndifundele.  
Masichubelane ngebali.







Drive your imagination

## Story stars

### The Reading Gogos of Daveyton



The Reading Gogos are a group of volunteers who visit four schools in Daveyton to read to the children. We asked Kathy Cromer-Wilson, who helps to run the programme, about the Reading Gogos.

#### How did the Reading Gogos start?

The Ekufundzeni Trust launched a mobile library in 1992. One day, one of the library's volunteers started reading to a Grade 1 class at Daveyton Intermediate School. She was a hit and now there are 48 Reading Gogos – although not all of them are elderly grannies!

#### What do the gogos do?

At first, the gogos just read to the children. Now, the sessions also include singing, dancing, playing games, and doing arts and crafts.

#### Why have they decided to become Reading Gogos?

The main reason is because they want to improve the lives of children and increase their opportunities as adults. Some are responding to Nelson Mandela's suggestion that we give back to our communities.

#### What difference has the programme made?

We have seen how reading to children breaks down barriers. The feedback from the schools has also been remarkable. They say that the number of children absent on the days the gogos visit, has come right down because the children love the story sessions! Some parents want to move their children into these schools so that they can be part of the programme.

#### What are your plans for the future?

Our main aim is to get more Reading Gogos so that we can go to all the schools that beg to become part of the programme.

#### What would you say to someone wanting to start a reading club or programme?

Do not be afraid to make a start. All you need is the passion to pass on your knowledge to children, and the children will reward you with their love, hugs and lots of laughter!



Pic: Phamuel Mnguni

## Iimbilasane zamabali

### OoMakhulu abaFundayo baseDaveyton

OoMakhulu abaFundayo liqela lamavolontiya elindwendwela izikolo ezine zaseDaveyton ukuze lifundele abantwana. Sibuze uKathy Cromer-Wilson, oncedisa ukuqhuba le nkqubo, malunga nooMakhulu abaFundayo.

#### Baqala njani ooMakhulu abaFundayo?

ITrasti ebizwa ngokuba yi-Ekufundzeni yasungula iithala leencwadi elingumahambanandlwana ngowe-1992. Ngenye imini, omnye wamavolontiya waqala ukufundela abantwana beBanga loku-1 kwiSikolo samaBanga aPhakathi saseDaveyton. Wathandwa kakhulu kwaye oko kwakhokelela ekubeni ngoku sibe nooMakhulu abaFundayo abangama-48 – nangona bengengomakhulu abasele bekhulile bonke!

#### Benzani oomakhulu?

Kuqala, oomakhulu babebafundela nje kuphela abantwana. Ngoku, iindibano ziquka ukucula, ukudanisa, ukudlala imidlalo kunye nokwenza izinto zobugcisa nemisebenzi yezandla.

#### Kutheni begqibe ekubeni babe ngooMakhulu abaFundayo?

Esona sizathu kukuba bafuna ukuphucula ubomi babantwana baze bandise namathuba abo njengabantu abadala. Abanye basabela ikhwelo elahlatywa nguNelson Mandela lokunikezela ngesisa kuluntu koko nabo sele bekufumene.

#### Yenze wuphi umahluko le nkqubo?

Siyibonile indlela ukufunda ekuziphelisa ngayo izithinteli. Inxelo nothakazelelo esilufumana ezikolweni luyamangalisa. Bathi inani labantwana abangeziyo esikolweni liyehla kakhulu ngeetsuku zokufundelwa ngoomakhulu kuba abantwana bayawathanda la maxesha okufundelwa amabali! Abanye abazali bafuna ukubakhupha abantwana babo babazise kwezi zikolo zinooMakhulu abaFundayo ukuze babe yinxalenye yale nkqubo.

#### Zithini izicwangciso zenu zexesha elizayo?

Eyona njongo yethu kukufumana ooMakhulu abaFundayo abangaphezulu koku, ukuze sikwazi ukuya kuzo zonke izikolo ezicela ukuba yinxalenye yale nkqubo.

#### Ungathini kumntu ofuna ukuqala iklabhu yokufunda okanye inkqubo yokufundela abantwana?

Musa ukoyika ukuqalisa. Konke okudingayo luthando lwakho oluvuthayo lokugqithisela ulwazi lwakho ebantwaneni, kwaye bona abantwana baza kukuvuza ngothando lwabo, bakwange ze kwande nentsini!

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers\* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.



\* For terms and conditions that apply, go to [www.nalibali.org/story-stars](http://www.nalibali.org/story-stars).

Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana indlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iiMbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya\* ezininikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.


\* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-[www.nalibali.org/story-stars](http://www.nalibali.org/story-stars).

### Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SFfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



### UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SFfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Lo mthandazo wafunyanwa ecaleni komzimba womtswana kwinkampu yengcinezelo eJamani, ngo-1945.

Nkosi, uze ungakhumbuli nje kuphela amadoda nabafazi abenza izinto ezintle, kodwa nabo benza izinto ezimbi nezingalunganga.

Kodwa musa ukukhumbula iintlungu nobunzima abasivise bona, khumbula iziqhamo esizithweleyo ngenxa yezo ntlungu nobo bunzima: ubudlelwane bethu, ukunyaniseka kwethu, ukuzithoba kwethu, ubungangamsha, isisa, ukulungga okuthi kwazalwa zizo zonke ezo ntlungu nobo bunzima.

Naxa besiza ekugwetyweni mazithi zonke iziqhamo esizithweleyo zibe luxolelo lwabo.

Amen. Amen. Amen.



Found next to the body of a Jewish child in a German concentration camp, 1945.

Lord, remember not only the men and women of goodwill, but also those of ill will.

But do not remember the suffering they have inflicted on us, remember the fruits we bore thanks to this suffering: our comradeship, our loyalty, our humility, the courage, the generosity, the greatness of heart which has grown out of all of this.

And when they come to judgement let all the fruits which we have borne be their forgiveness.

Amen. Amen. Amen.

An important step to peace is forgiveness. Once we have forgiven each other, we no longer have a reason to fight. This prayer finds reasons to forgive, even when people have done terrible things to us.

Inyathelo elibalulekileyo loxolo kukuxolela. Xa site sabaxolelana abasonayo, asisenaso isizathu sokulwa. besenze izinto ezibuhlungu kakhulu.

# Let there be peace

## Makubekho uxolo

Let there be peace is from the SONGOLOLO list – a range of books celebrating both the common and diverse interests and experiences in childhood, featuring stories from Africa and beyond.

Shuter & Shooter Publishers acquired the award-winning children's picture book imprint, SONGOLOLO in 2008. SONGOLOLO is a quality list, featuring books by some of South Africa's foremost authors and illustrators, including Niki Daly, Gcina Mhlophe, Joan Rankin and Jude Daly. The list features several bestsellers, including Niki Daly's *Mama, Papa and Baby Joe*, and Joan Rankin's *Wow! It's Great Being a Duck* and other numerous award-winning titles. For further information, visit [www.shuters.com](http://www.shuters.com)




SONGOLOLO



Jeremy Brooks  
Jude Daly



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)







If there is to be peace in the world,  
There must be peace in the nations.

If there is to be peace in the nations,  
There must be peace in the cities.

If there is to be peace in the cities,  
There must be peace between neighbours.

If there is to be peace between neighbours,  
There must be peace in the home.

If there is to be peace in the home,  
There must be peace in the heart.

Written over 2 500 years ago by Lao-Tzu,  
founder of Taoism, China.

Ukuze kubekho uxolo ehlabathini,  
Kufuneka kubekho uxolo kwizizwe.

Ukuze kubekho uxolo kwizizwe,  
Kufuneka kubekho uxolo kwizixeko.

Ukuze kubekho uxolo kwizixeko,  
Kufuneka kubekho uxolo kubamelwane.

Ukuze kubekho uxolo kubamelwane,  
Kufuneka kubekho uxolo ekhaya.

Ukuze kubekho uxolo ekhaya,  
Kufuneka kubekho uxolo entliziyweni.

Oku kwabhalwa ngaphezu kweminyaka engama-2 500  
eyadlulayo nguLao-Tzu, umsunguli weTaoism, eTshayina.

Okulungileyo kunamandla kunokungalinganga,  
uthando lunamandla kumentyo,  
ukukhanya kunamandla kunobumnyama,  
iloyiso lolwethu ngenxa yaLowo osithandayo.

Lo mthandazo wabhalwa ngubhishophu oyintloko  
uDesmond Tutu, owanceda ukuzisa uxolo eMzantsi Afrika.


Written by Archbishop Desmond Tutu, who helped to  
bring peace to South Africa.

victory is ours through Him who loves us.

Light is stronger than darkness;  
Love is stronger than hate,  
Goodness is stronger than evil,

When we hear the news, sometimes  
the bad things in the world seem  
stronger than the good. This prayer  
reminds us that good can still  
triumph over bad.

Ezindabeni xa simamele,  
ngamanye amaxesha izinto  
ezingalinganga nezimbi  
zizamandla kunezo zilungileyo  
nezintle. Lo mthandazo  
usikhumbuza ukuba okulungileyo  
nokuhle kungakoyisa  
okungalinganga nokubi.



Makube luxolo eMhlabeni kwaye oko makuqale ngam.  
Makube luxolo eMhlabeni, uxolo olwenzelwe ukuba  
luhlale naphakade!

NgoThixo umdali wethu, sonke silusapho olunye;  
Masihambe kunye ngoxolo olugqibeleleyo simanyene.

Uxolo maluqale ngam. Ngoku, mayibe nguloo mzuzu wokwenzeka koko.  
Ngenyathelo ngalinye endilithathayo, esi mayibe sisifungo sam  
esindilisekileyo;

Ukuthatha umzuzu ngamnye kunye nokuphila umzuzu ngamnye  
eluxolweni lwaphakade!

Makube luxolo eMhlabeni kwaye olo xolo maluqale ngam!

Ngokubhalwa nguSy Miller noJill Jackson, eMntla Merika.





Fold

**N**kosi, ndenze isixhobo soxolo lwakho.  
 Apho kukho inty, mandihwayele uthando.  
 Apho kukho ukukhathazeka, mandenze uxolelwano.  
 Apho kukho intaba-zahlukane, mandimele umanyano.  
 Apho kukho intandabuzo, mandize nokholo.  
 Apho kukho ukulahl' ithemba, mandize ithemba.  
 Apho kukho ubumnyama, mandize ukukhanya.  
 Apho kukho usizi, mandize uvuyo.  
 Inxalenye yomthandazo owabhalwa yiNgcwele uFrances wase-Assisi, owazama ukuhlalisana ngoxolo nako konke okudaliweyo, kukuka iintaka kunye nezilwanyana.

Part of a prayer written by Saint Frances of Assisi, who tried to live at peace with the whole of creation, including birds and animals.

**L**ord, make me an instrument of your peace.  
 Where there is hatred, let me sow love.  
 Where there is injury, pardon.  
 Where there is discord, vision.  
 Where there is doubt, faith.  
 Where there is despair, hope.  
 Where there is darkness, light.  
 Where there is sadness, joy.



Let there be peace on Earth and let it begin with me.  
 Let there be peace on Earth, the peace that was meant to be!  
 With God our creator, family all are we;  
 Let us walk with each other in perfect harmony.

Let peace begin with me. Let this be the moment now.  
 With every step I take, let this be my solemn vow;  
 To take each moment and live each moment in peace eternally!  
 Let there be peace on Earth and let it begin with me!

Written by Sy Miller and Jill Jackson, North America.



Fold 5

Umthandazo wabaNtsundu baseMerika ngu-Alycia Longriver.

**M**dali, vula iintizyo zethu ukukhulale uxolo nempiso phakathi kwabantu bonke. Mdali, vula iintizyo zethu ukuzesibe nesisa kwaye sikhusela bonke abantwana bomhlaba. Mdali, vula iintizyo ukuzesihlonela umhlaba, kunye nako konke esikuphiwa ngumhlaba. Mdali, vula iintizyo ukuzekuphele iyantlukwano, ubundlobongela kunye nokoyika phakathi kwethu. Enkosi ngeziphho osiphe zona namhlanje kunye nezozemihla ngenihla.

Native American prayer by Alycia Longriver.

**C**reator, open our hearts to peace and healing between all people. Creator, open our hearts to provide and protect for all children of the earth. Creator, open our hearts to respect for the earth, and all the gifts of the earth. Creator, open our hearts to end division, violence, and fear among all. Thank you for the gifts of this day and every day.



*Living in peace does not just mean that we do not fight against other people. We also need to live in peace with our world and look after it properly. The following prayers remind us to do this.*

*Ukuhlala ngoxolo akuthethi nje ukuba asilwi nabanye abantu. Kufuneka sihlale siseluxolweni nehlabathi lethu silikhathalele ngokufanelekileyo. Le mithandazo ilandelayo isikhumbuza ukuba senze oko.*



**T**he world was not left to us by our parents. It was lent to us by our children.  
Traditional prayer, Africa.

**I**hlabathi asilishiyelwanga ngabazali bethu. Silibolekwe ngabantwana bethu.  
Umthandazo wemveli waseAfrika.

Written by Gobind Singh, Tenth Guru of Sikhism, India.

**O** God! Raise aloft the banner of the oneness of mankind.  
Baha'i prayer, Iran.  
*All religions have differences, but there are also things they have in common. The following prayers emphasise the things we share, rather than the ways we differ.*



*Zonke iinkolo zohlukile, kodwa zikhona nezinto ezifana ngazo. Le mithandazo ilandelayo igxininisa kwizinto esifanayo ngazo, ngaphezu kwezo sohluke ngazo.*

**N**kosi! Yiphakamisele phezulu iflegi yobunye phakathi kwabantu.  
Umthandazo weBaha'i, e-Iran.

**B**onke abantu bathathe njengabantu abanye.  
Lo mthandazo wabhalwa nguGobind Singh, iGuru yeShumi yaseSikhism, e-India.



## Get story active!


Some of the words in this week's cut-out-and-keep book, *Let there be peace*, may be difficult for younger children to understand. As you read the book together, explain the meaning of the words they don't understand. Use the pictures to help you.

After you and your children have read *Let there be peace*, try out some of these ideas.

- Draw your children's attention to the details in the illustrations. Let them talk about what they notice. Encourage them to link what's in the pictures to the meaning of the prayers.
- Let your children write their own peace poems or prayers and then illustrate them. If they write poems, they may wish to use the letters of the word, "peace" as the first letter of each line of their poem. Here is an example:

**P**ut love for others first  
**E**ven if you are cross with them  
**A**lways be kind and  
**C**are about others because we are all  
**E**qual.

*Alyssa Martin, 9 years old*



## Yenza ibali linike umdla!

Amanye amagama akwincwadana onokuyisika-ze-uyigcine yale veki esihloko sithi, *Makubekho uxolo*, kunganzima ukuba abantwana abancinane bawaqonde. Lo gama nifunda ninonke, bacacisele intsingiselo yamagama abangawaqondiyo. Sebenzisa imifanekiso enokukuncedisa.

Emva kokuba wena nabantwana nifunde incwadana onokuyisika-ze-uyigcine ethi, *Makubekho uxolo*, zamani ezinye zezi ngcinga zilandelayo.

- Khombisa abantwana iinkcukacha ezisemifanekisweni. Mabathethe ngezinto abaziqaphelayo. Bakhuthaze ukuba badibanise oko kusemifanekisweni kunye nentsingiselo yemithandazo.
- Bavumele abantwana babhale eyabo imibongo engoxolo okanye imithandazo baze bayizobe. Ukuba babhala imibongo, mhlawumbi bangathanda ukusebenzisa oonobumba begama elithi "uxolo" njengonobumba wokuqala kumqolo ngamnye wombongo wabo. Nanku umzekelo:

**U**kuthanda abanye yinto yokuqala  
**X**ola nokuba ubuqumbile  
**O**kwakho kukubonisa ububele  
**L**andela umzekelo woxolelo  
**O**lugqibeleleyo.

*Mzawufani Menziwa, oneminyaka eli-9*

## Celebrating our grandparents!

Each year on 1 October, we celebrate Older Persons' Day. You can recognise the important role that older people play in your life by following the instructions below to make a card for your grandparents.

### Make a card

1. Cut out the card by cutting along the red line.
2. Fold the card along the dotted black line.
3. Glue the two parts together.
4. On the side with the picture, write a message to the grandparent/s you will give the card to. Colour in the picture.
5. On the other side, draw a picture of you and this person together, or write a poem or longer message.



## Ukubhiyozela oomakhulu nootatomkhulu!

Rhoqo ngomhla woku-1 kweyeDwarha minyaka le, sibhiyozela uSuku lwaBadala. Ungabonisa ukuyithathela ingqalelo indima abadala abayidlalayo ebomini bakho ngokulandela le miyalelo ingezantsi ukwenzela umakhulu notatomkhulu ikhadi.

### Yenza ikhadi

1. Sika ukhuphe ikhadi ngokusika ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Songa ikhadi ulandela umgca ongamachaphaza amnyama.
3. Wancamathisele adibane la macala omabini.
4. Kwicala elinomfanekiso, bhala umyalezo oya kumakhulu okanye kutatomkhulu oza kumnika ikhadi. Hombisa umfanekiso ngokuwufaka imibala-bala.
5. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho nalo mntu uza kulinika yena ikhadi, okanye ubhale umbongo okanye umyalezo omde.



## Story corner

Here is the final part of the story about a young girl who loved the wind. Enjoy reading it aloud or telling it!

### Thembela in the wind (Part 2)

by Leo Daly

But Thembela doesn't listen because she's having too much fun. She laughs as the wind blows through her raincoat and fills up her hood like a big balloon. "If I lift my arms," she giggles, "I could fly!"

Then Aunt Ida runs out in her pink dressing gown and carries Thembela back inside. "No one likes the wind," says Aunt Ida. "It's loud and it's cold and it's just not nice."

When Aunt Ida comes to tuck her in, Thembela asks for the curtains to be opened so that she can watch the trees sway and the clouds sail by. But Aunt Ida says, "No! Definitely no, and no again!" She closes the curtains. "Now let's just hope the house doesn't float away with all this rain," says Aunt Ida with a shiver.

Thembela hears the boom of thunder and the drumming of rain on the roof. Now the wind blows on the walls. It knocks on the door and rattles the windows. It howls down the chimney and gives Aunt Ida such a fright that she hides behind the couch. The roof creaks and the floorboards squeak and the trees whistle loudly.

Aunt Ida cries out, "Oh dear, we're all going to blow away!" But Thembela is not afraid. She jumps out of bed and runs downstairs. Quickly she pulls on her gumboots and grabs her umbrella, and then bravely she marches outside. The wind is howling and rolling and the rain is falling and thunder claps in the sky.

"It's me, Wind," says Thembela. "Why are you so angry? Do you really think that no one likes you? Now don't be silly. You're loud and you're cold, but you're so much fun – and I like you. I LIKE YOU WIND!"

Suddenly, the thunder stops and all the dark clouds are chased away. And in no time the rain has disappeared. When Thembela looks up, she sees that the sky is clear. The moon is full and all the stars are shining. Now the wind blows gently all around her, lifting up her umbrella and softly kissing her cheeks.

"Thank you, Wind," says Thembela. "Thank you for chasing the rain away."

Then Thembela turns around and walks back inside. She helps Aunt Ida up from behind the couch and makes her a warm cup of tea.

"Oh my," says Aunt Ida, "I don't like the wind at all." But Thembela just smiles.

**Tell us if you liked the story, *Thembela in the wind* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.**



Illustration by Magriet Brink  
Umfanekiso nguMagriet Brink

## Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga nentombazana encinane eyayithanda umoya. Konwabele ukuyifunda ngokuvakalayo okanye uyibalise!

### UThembela emoyeni (Inxalenye 2)

Ibhalwe nguLeo Daly

Kodwa uThembela akazange aphulaphule kuba wayonwabe kakhulu. Wayehleka xa umoya umpompa uzalise isikhwehle sakhe kunye nomnqwazi wakhe ibe ngathi yibhaloni enkulu. "Ukuba ndinokwenyusa iingalo zam", ugigitheka atsho, "ndingabhabha!"

Kanye ngelo xesha uMakazi u-Ida uphume ebaleka enxibe igawuni yakhe epinki waze wamthi hlasi uThembela wamfunqula wamngenisa endlwini. "Akakho umntu owuthandayo umoya," utshilo uMakazi u-Ida. "Uvuthuza ngamandla, uyabanda kwaye awutsho kamnandi nje kwaphela."

Wathi xa uMakazi u-Ida ezokumombathisa, uThembela wacela ukuba kuvulwe umdiyadiya ukuze akwazi ukubona imithi ishukuma namafu ehamba. Kodwa uMakazi u-Ida uthe, "Hayi! Nakanye, ayisoze yehle ke leyo tu!" Wawuvula umdiyadiya. "Ngoku masithembe ukuba le ndlu ayisayi kukhukuliswa yile mvula," watsho uMakazi u-Ida ehlasimla.

UThembela weva izithonga zeendudumo nokunetha kwemvula phezu kwendlu. Umoya ngoku wawuvakala uvuthuza kwiindonga zendlu. Wawunqonqoza emnyango ushukumisa neefestile. Wawungxola ugena ngetshimini, usoyikisa uMakazi u-Ida, kangangokuba wazimela emva kwesofa. Uphahla lwakrekeza aze amaplanga omgangatho nawo atshixiza, nemithi yatsho ngenzwinini yomlozi onezothe.

UMakazi u-Ida wakhala, "Owu Nkosi, siza kuphaphatheka sonke!" Kodwa uThembela wayengoyiki. Waxhuma ebhedini wabaleka wehla ngamanqwanqwa. Ngokukhawuleza wanxiba iigambutsi zakhe wathatha nesambrela sakhe. Emva koko waphuma ngobukroti waya phandle. Umoya wawuvuthuza uvela macala onke kwaye nemvula isina neendudumo zigqekreza esibhakabhakeni.

"Ndim, Moya," watsho uThembela. "Kutheni unomsindo kangaka? Ingaba ucinga ukuba akukho mntu ukuthandayo? Yithi uyadlala. Nokuba uyangxola kwaye uyabanda, kodwa uyonwabisa kakhulu – kwaye ndiyakuthanda. NDIYAKUTHANDA MOYA!"

Ngephanyazo, zayeka iindudumo aze amafu amnyama emka. Kwakamsinyane nemvula yanika isiqabu. Akujonga phezu uThembela, wabona isibhakabhaka sityhilile. Inyanga yayiphelile kwaye zonke iinkwenkwezi zimenezela. Ngoku umoya wawuphephezela kamnandi kuye, unyusa isambrela sakhe umphuza kancinane nangothando ezidleleni zakhe.

"Enkosi, Moya," utshilo uThembela. "Enkosi ngokuyidudula imvula."

Emva koko uThembela waguquka wangena endlwini. Wancedisa uMakazi u-Ida ukuba aphakame emva kwesofa waze wamenzela ikomityi yeti eshushu.

"Owu Nkosi," utshilo uMakazi u-Ida, "andiwuthandi kwaphela umoya." Kodwa yena uThembela wasuka wancuma.

**Sixelele ukuba ingaba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *UThembela emoyeni* – thumela igama elithi, "Bookmark" ngeSMS kunye negama lakho namagqabantshintshi owenzileyo kule nombolo 32545. ISMS nganye ixabisa iR1,00.**

### In your next *Nal'ibali* supplement:

- The importance of sharing books with children
- Story Stars: Sparking an interest in reading in the Eastern Cape
- A cut-out-and-keep book, *How zebras got their stripes*
- The first part of the story, *Vusi and Sinazo*

We will be taking a break until the week of 14 October. Can't wait until then for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).



Find us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sifumane kuFacebook: ku-  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

### Kuhlelo lwakho olulandelayo lwe*Nal'ibali*:

- Ukubaluleka kokwabelana ngeencwadi kunye nabantwana
- Iimbilasane zamabali: Ukuvuselela umdla wokufunda eMpuma Koloni
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine esihloko sithi, *Ayifumana njani imiga yawo amaqwarhashe*
- Inxalenye yokuqala yebali elisihloko sithi, *UVusi kunye noSinazo*

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-14 kweyeDwarha. Ingathi ayisafiki loo veki ndifumane iingcebiso ngokufunda nangezamabali, amabali kunye neengcinga ezivuselelayo. Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

